# *INZULU ZIBIZA IINZULU*

Akukho Moya Bangcwele babini. Oko. . .Kwaye lowo mnye uNgcwele wakhokelela uSimon, ngobo busuku, okanye ngaloo ntsasa, kuKristu, ukukhokelele apha ngokuhlwanje, kuba ukholwa kwidinga loMoya oyiNgcwele. Kwaye Unyanzelekile nje kuwe njengokuba Wayenjalo kuSimon, ngokufanayo, ngokuba Yena nguThixo, kwaye Uyaligcina iLizwi laKhe.

Ngoko ingathi ndiyambona uSimon, wanqanqatheka wanqwenela ukubona uKristu. Wayekholwa koko iLizwi likaThixo lakuthethayo kuye. Kungenamsebenzi nokuba abagxeki bathini na, wakholwa liLizwi likaThixo. Kwakukho ukunqwenela ukubona uKristu entliziyweni yakhe, kwaye wakholwa ukuba uyakuba nako. Njengokuba uDavide wathi, "Xa inzulu ibiza iNzulu."

Abaninzi benu apha bayakholwa kwimpiliso eNgcwele. Niyakholwa? Niyakholwa kwimpiliso eNgcwele? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kwa isizathu sokuba nikholwe kwimpiliso eNgcwele, oko kuqondakalisa ukuba ikho impiliso eNgcwele.

Ekufikeni kwethu eMelika, safumana umNdiya waseMelika. Wayenento ethile ayinqulayo, ilanga, inyanga, nendalo. Ngokuba, kuye, ungumntu, kwaye uyazi wayenomenzi, ngoko kwakukho into ethile ngaphakathi kwintliziyo yakhe yobuntu ebiza okuthile kokunqulwa.

Ikuye wonke umntu onokufa. Usenokunqula inqwelo-mafutha yakho, umsebenzi wakho, indlu yakho, okanye into ethile; uyakunqula into ethile. Ngoko, ukuba kukho isithixo esithile, sikhuphe uvumele uYesu Kristu afumane indawo ephambili. Mayibe nguYe owokuqala kwako konke.

Ngoko, ukulamba, inzulu. Njengokuba uDavide watshoyo,

Xa inzulu ibiza inzulu kwingxolo yeengxangxasi zakho:. . .

Ngoku, "inzulu ibiza iNzulu." Ngokomzekelo, le nto, kwakube kukho inzulu apha, ibiza, kunyanzelekile ukuba kubekho inzulu ephendula kolo bizo.

Mhlawumbi ndiza kuzicacisa, ngolu hlobo. Ndingumthandi omkhulu wendalo. Kwaye ngokungena ematyholweni, ndikhangela ukutshona kwelanga. Ndiva izilwanyana zikhala zasendle. Umama ungumxube weNdiya ngoko ku. . .Kukho into ethile malunga naloo nto, egazini lam, yokuba ndi—ndiyayithanda indalo. Kwaye xa ndisiva ukubiza okuvela endle, kukho into ethile ewenza uvuthe umphefumlo wam. Andinakuyinceda.

Apha, kutshanje, ndandiseColorado. Ndandimi phezulu phezu kwentaba, kwaye ndandikhangele umama omdala wokhozi njengokuba wayesizisa amantshontsho wakhe ewakhupha kwindlwana, ewathwele ngamaphiko akhe, waze wawahlalisa phantsi kwidlelo elinengca. Waze wabhabha wabuyela phezulu, kwincopho eyeyona iphezulu yeliwa awayenokuyifumana, wahlala phantsi. Waqala ukukhangela. Ke, ndandijongile, ngendondo zam ezibonisa into ekude. Ihashe lam laligangxwe emthini. Kwaye ndandijongile. Ndaze ndathi, "Nkosi ndi—ndiyayithanda le nto." Kwaye kwakhangeleka kum ngokungathi ndiva nevumba . . .

Ukuba wakhe wasondela kwindlwana yokhozi. Kwaye ayenza ngezinti ezibukhali nezinto ezinjalo. Kwaye loo makhozi mancinane ayehamba nje phezu kwezo zinti nameva, ayengazinto iyenye. Kodwa ngenye imini unina wolula iimpiko zakhe, aze akhwela ezimpikweni ehla.

Ngoku, ndakhangela kwabo bafo bancinane, babene—nemvuselelo nje yakwamoya. Babebaleka nje kuloo ngca ithambileyo, bexhola nje apha, betswinelana, bexhuma omnye ngaphaya komnye, bekhululeke ngangoko benokuba nako.

Ndacinga, "Ke, ilungile laa nto. Ngoku, oko kufana nomntu ekwindlwana endala yehlabathi, engazi nto koko ikoko uMtyholi amnika kona. Kodwa ngenye imini uThixo uyamnyula amkhuphe amhlalise ezantsi kwidlelo eliluhlaza elinomthunzi. Owu, indlela avuya ngayo! Ukhululekile. Akukho nto, akukho ngozi."

Ndacinga, "Ke, kutheni aba bafo bancinane bengoyiki nje? Ndamangaliswa ukuba bayaqonda na ukuba kukho iingcuka kufutshane, ezazinokubachola?" Kodwa qho kanye ethubeni babeye bajonge phezulu. Abe loo mama mdala ehleli phezulu ebakhangele.

Ndacinga, "Ke, makabongwe uThixo! Injalo loo nto. Wandithabatha wandikhupha kwindlwana eyayiyeyehlabathi. Waze Wenyukela kumagwiba oBuqaqawuli, ehleli Phezulu phaya, aluse ilifa laKhe, ukubona ukuba akukho ngozi isondelayo." Ndacinga, "Ukuba ingcuka ingaqalisa ukusondela kolunye lwaloo makhozi mancinane, angayibhaxula ife." Ndacinga, "Injalo loo nto. USathana angasukela ikholwa, kwaye ufumenenene noYesu Kristu ezandleni. Injalo loo nto. Ewe. Angalithabatha . . ." Emva komzuzwana . . .

Ujongile; ubukhulu bakhe, intloko yakhe enobungangamsha iphunguza. Wayephezulu kwelona liwa liphakamileyo wayenokulifumana, ngokuba wayenokubona yonke indawo. Amehlo akhe abukhali okhozi, ayegadile. Kwaze emva

komzuzwana, ndambona ephakamisa intloko yakhe. Ngendondo zam zokubonisa into ekude zamandla alishumi, ndambona ephakamisa intloko yakhe ephunguza. Wayesezela umoya. Ndacinga, “Yintoni?”

Phaya kude ngasentla, kwaqala umoya ovela ngasentla. Zavakala iindudumo.

Wenza isikhalo, wehla ephumela apho. Wawavula loo maphiko makhulu, aphuma kanye phezu kwelo thafa. Kwaye ngalunye kuloo makhozi mancinane lwabaleka ngapho ngokukhawuleza okukhulu; ayeyalelwe, mhlawumbi, ngaphambi kokushiya indlwana. Abambisa iinyawo zawo ezincinane kanye ezintsibeni. Laphosa umlonyana walo ezantsi, umlomo omncinane wentaka, wabambelela ngaphaya kweentsiba. Waze waphakama, nelo qela lamakhozi ezimpikweni zakhe, wemnka ngokuthe ngqo kanye, ecanda kuloo moya, ubhudla phantse ngesantya samashumi amahlanu eemayile ngeyure ngoko, waya kungena ngqo kumfanta weliwa.

Ndalila ngokosana. Ndacinga, “Ngenye imini yozuko, xa le mvuselelo idlule, Uyakuza evela eBuqaqawulini, olule amaphiko aKhe amakhulu anamandla, aze amakhozi amancinane abambelele ngemilonyana yawo apho abhabhe emnke aye kungena eBuqaqawulini kunye naYo.” Inzulu ibiza iNzulu. Ukuba inzulu iyabiza, kukho iNzulu eyakuphendula.

Ngamanye amazwi, ngaphambi kokuba kubekho umthi oyakukhula emhlabeni, kwanyanzeleka ukuba kubekho umhlaba oyakukhula kuwo kuqala. UThixo akazange enze umthi esenzela umhlaba; Wenza umhlaba esenzela umthi. Wenza umhlaba, waze wayalela umhlaba ukuba uvelise umthi. Kwaye umhlaba wawubiza, ngoko umthi wavela.

Ngaphambi kokuba kube kwabakho uphiko olusemqolo kwintlanzi, kwakukho amanzi okuba lidade kuwo. Isizathu sokuba ibe nophiko kungokuba akho amanzi yokuba idade kuwo, ukulusebenzisa. Yonke into esinayo inenjongo nonobangela.

Apha kwixesha elithile elidlulileyo, ndandifunda apho inkwenkwe encinane yayidle iirabha zokucima kwipensele. Yadla yonke irabha eyayinokuyifumana. Yadla nditsho nendawo yokunyathela kwibhayisekile. Kwaye babengazi ukuba yayiyintoni na undonakele kuloo nkwenkwe incinane. Ngoko bayithabatha behla nayo ukuba iye kuxilongwa, ngugqirha, ekliniki. Waze emva kokuba eyixilongile, bafumanisa ukuba umzimba wayo omncinane wawuswele isibabile. Kwaye isibabile sikwirabha, kwaye yayisidla irabha ukuze ifumane isibabile. Ngoku, yiyo le ke yifumane. Apho kwaku . . . Ukuba bekukho into ngaphakathi apha efuna isibabile, kumelwe ukuba

kubekho isibabile esiya kuyiphendula, ngaphambi kokuba ibe ibizile. 'Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Ngoku, ngaphambi kokuba apho . . .

"Xa inzulu ibiza iNzulu." Ngaphambi kokuba kube kwabakho inzulu, ubizo, kumelwe ukuba kubekho iNzulu eyakuyiphendula. Ke ngoko ngokuqiniseke njengani bantu, kwiminyaka embalwa edlulileyo, ngokuqinisekileyo naningaboni . . . Mhlawumbi wawukwibandla elithile elibandayo, elalingakholwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kodwa weva uMyalezo. Kwakukho into ethile apho ngaphakathi eyabiza okuthe chatha kukaThixo. Usenokuba wawuphila kwimeko yogwetyelo phambi koThixo, kodwa wawufuna ubhaptizo loMoya, waze walulambela. Ngoku, kwa eso sizathu sokuba ube ukho uMoya oyiNgcwele, kungokuba wawulambele Wona. Wawungekhe uWulambele, ngaphandle kokuba kwakukho into apha ngaphakathi eya kuWubiza, phaya ngaphandle. 'Yabona ukuba ndithetha ukuthini na?

Ke, ngoko, kwa isizathu sokuba ubelapha ngokuhlwanje, uyakholwa kwimpiliso eNgcwele. Kwaye ukuba loo nto ibingafundiswanga nokufundiswa eBhayibhileni, ukuba iqela lakho labantu belikholwa kwimpiliso eNgcwele, kunyanzelekile ukuba kubekho umthobo ovulekayo kwindawo ethile kungenjalo ubungekhe uyinqwenele. Ukuba unomnqweno wokuphiliswa nguThixo, ukho uThixo oyakukuphilisa. Injalo loo nto. Kuba, inzulu ibiza iNzulu.

Nantso indlela ekwakuyiyo kuSimon, wayesazi ukuba kwakukho uKristu ozayo. Kwaye wayesazi ukuba uThixo wambekela ngedinga ukuba uyakuMbona phambi kokuba afe. Ngoku qaphela. Ngoko, njengokuba uSimon wayekhokelwa . . . akumangalisi oko? Kanye nje ukuba uYesu athi gqi, uSimon wakhokelelwa nguMoya oyiNgcwele, kanye kuKristu, ngoMoya oyiNgcwele owamnika idinga.

Kwaye uMoya oyiNgcwele, Owabeka idinga lempiliso eNgcwele, ukukhokelele apha ngokuhlwanje, kanye emthonjeni; apho uvulwe khona ngokuhlwanje uvulelwe lowo uthandayo, kanye ngoku, kanye kuMoya oyiNgcwele okhokelayo, okhokela oonyana bakaThixo abakholwa kwidinga likaThixo. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini na? Mntu ngamnye kuni boonyana neentombi zikaThixo ukhokelelwe apha ngokuba ukholelwa kwisithembiso sikaThixo. Owu, ndakucinga ngaso!

Ngoko ndiyacinga, ngaphaya ekoneni kwakukho ixhegokazi. Sifundiswa ukuba laliyimfama igama lalo lalingu-Anna. Wayengumprofetikazi, elindele ukuza kweNkosi. UThixo unyanzelekile ukuba ambonise uKristu. Kwaye uMoya oyiNgcwele wehla phezu ko-Anna. Kwaye ingathi ndiyambona loo mprofetikazi uyimfama ngaloo ntsasa, esiza enqumla

kweso sakhiwo, eyimfama, ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele, ehamba apho, edlula kwabo bantu. Esihla ngaloo mgca wabafazi. Waze wema phambi komthombo, kuba kulapho wayekhokelelwa khona nguMoya oyiNgcwele. [Yindawo ekungenzeka ukuba isisikhewu le ekhasethini—Mhl.]

Ewe, Ulapha ngokuhlwanje. Uvukile kwabafileyo. Ukunike elo dinga. UMoya oyiNgcwele unitsalile wanihlanganisa. Ukuba ubungekho apha ngokuhlwanje, ukuba uMoya oyiNgcwele ebengakhange akuzise apha, ubuyakuba ngaphandle kwindawo ethile ehlabathini. Kodwa uhleli apha kwesi sakhiwo sishushu, singeniswa umoya ngokuba (kutheni?) ulindele ukubona uYesu Kristu evela angqinele iLizwi laKhe. Ukulindela!

Ukuba ulindele ukuza nje ufumane into ethile onokuyigxeka, uMtyholi ngokuqinisekileyo uyakukubonisa izinto ezininzi onokuzigxeka. Ngokuqinisekileyo uyakwenza njalo.

Ufumana oko ukulindeleyo. Abanye babo bathi, “Ke, akukho nto, ukuba ndifumana . . . ukuba andiphakamanga kumgca wokuthandazelwa. Ukuba ndibona into efana nale, ngoko ndiyakholwa.” Uyakufumana oko ukulindeleyo.

Ndilindele, ngokuhlwanje, ukubona uMoya oyiNgcwele engena eZibonakalisa esemandleni, egalela uBuqaqawuli baKhe, phezulu apha kwesi sakhiwo; abaninzi besamnkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele; aboni belila bekwindlela eya eKalvari; abagulayo bephilisiwe; zonke iintlobo zemiqondiso nemimangaliso. Ngokuba, uYesu Kristu ukuthembisile ngaloo nto, kwaye ndiyakhowla kwidinga laKhe.

Singathandaza.

Bawo waseZulwini, njengokuba iLizwi laKho liyiNyaniso, ngqinela iLizwi laKho ngemiqondiso nezimanga zikaYesu ovukileyo. Siyazi ukuba xa Wayelapha emhlabeni Akazange abange ukuba wayengumntu obalulekileyo, Wabanga kuphela ukuba Wena wawuMbonisa imibono, into emakayenze. Wayezazi iingcinga zabantu, iimeko zabo. Wazi xa umfazi, owayenethombo legazi wasichukumisayo isambatho saKhe. Wayemi phaya kude, kwaye wayengenakufihlakala, kuba uYesu wayekhangele kanye kuye. Wayesazi. Wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.”

Kwaye, Bawo, siyazi ukuba Ulapha ngokuhlwanje, ngokuba Wathembisa ukuba uyakubakho. Kwaye ithemba lethu limiliselwe kuYe, kwiLizwi laKhe. Siqinisekile. SiMbonile ekubonakalalisweni kovuko lwaKhe olukhulu, apha emhlabeni, esebenza phakathi kwabantu baKhe, kwibandla laKhe. Kwaye, Nkosi, masithi, namhlanje, sibe ngabaniki-kuKhanya besi sigaba sexesha. Ukuze, xa umdlalo omkhulu weqonga umiswa ekupheleni kwendlela aze umntu ngamnye

kuthi avele phambi kwaKho, isipili esikhulu sitsalwe sikhutshwe, buze ubomi bethu besi sizukulwana buziswe phambi kwethu, Thixo, mandive izwi lam likhwaza ngokuchasene nokungalungisi, libiza abantu ukuba bakholwe kuYesu, uNyana waKho.

Sikelela aba bantu balapha ngokuhlwanje. Bahleli kubushushu obungqongqo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ubanike intsikelelo ekhethekileyo. Kwanga ukuthambisa kwamandla oMoya oyiNgcwele kungathabatha kususe zonke iingcinga zoku.

Kwaye, Nkosi, ngcwalisa isicaka saKho, kanye ngoku, ulungiselela inkonzo ezayo. Simi apha, siqonda ukuba amehlo ajongiswe ngapha. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ngentobeko ukuba Wazise awaKho amakhulu, Amandla ozuko kuye wonke umntu. Kwaye ukuba isicaka saKho esingafanelekanga siyifumene inceba ebusweni baKho, ngoku kuhlwa, wanga Ungamthabatha lo mntu ungafanelekanga, ukhuphe ubuntu ngaphandle, ungene ngaphakathi, Nkosi Yesu, uthethe nabantu baKho.

Ukuze kuthi bakuba obu bomi buphelile, apha emhlabeni; umthandazo wokugqibela sowuthandaziwe, amadabi ephelile, umsi womile, uphelile, izixhobo zifunjiwe, iiBhayibhile zivaliwe, sibe sisiza apho phezulu kwindlu yaKho; loo ntsasa inkulu isithi qheke, inguNaphakade, ikhanya intle. “Naxa abakhethiweyo bayakuhlangana kwelo Khaya ngaphaya kwesibhakabhaka,” njengokuba imbongi yatshoyo. Nkosi, njengokuba eso sithebe sikhulu siyakwandlalwa apho, silungiselela eso sidlo sangokuhlwa, singamawaka eemayile ubude; sijongene omnye nomnye ngaphaya kwetafile, oomakhwekhwethe abanamanxeba edabi, iinyembezi zovuyo zisihla ngezidlele zethu. UKumkani aphume, ubuhle baKhe, ubungcwele, esihla ecaleni kwetafile, aze athabathe EzaKhe izandla azosule iinyembezi emehlweni ethu, esithi, “Musani ukuba salila. Kuphelile konke. Ngenani kwimivuyo yeNkosi.” Ubunzima bendlela buyakubonakala bungeyonto ngoko, Bawo, xa siyakube sifike ekupheleni kwendlela.

Kwaye sincede kusihlwa nje, Nkosi, ukuba sithi silibala ezo zinto sele zidlulile, sixunele kubizo lwaphezulu ngoku. Kwaye wanga uMoya waKho angeza abonakalise uNyana waKho, uYesu Kristu, kwaba bantu. Njengokuba, ndizamile, ngokomntu onokubhubha, ukubaxelela ngokuba Wena usekwanguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kuba, oku sikucela eGameni likaYesu, umntwana waKho othandekayo. Amen.

INkosi inisikelele. Ke kusihlwanje, kanye phambi kweenkonzo zempiliso . . . Uxolo ngokuba ndibe lusana, kodwa kukho into ethile engena entliziyweni yam xa ndithetha ngaYe.

Ndikhumbula ngethuba lokubizwa kwam, ngabalungiseleli bam, bathi bakubona . . . Ukusukela ndilusana oluncinane, kwakuye kufike imibono. Bathi, “Billy, musa ukuya kuloo nto.” Bathi, “NguMtyholi lowo.” Ngokufundiswa ngamadoda esifundisi, bendinokuba sisiqingatha ukuba kude elukholweni ukuba imibono ingaba yephosakeleyo.

Waze wathi Akufika kum ngobo busuku wandixelela ukuba WayenguBani na! Owu, bethu! Kwaye ndiyazi ukuba Ulapha kanye ngoku. Kwaye ndiyabazi uBukho baKhe. Ndaye ndiyazi ukuba ndiyaMthanda. Ndacinga, “Ndingathini ukuba nguMtyholi, ndize ndithande iNkosi uYesu ngale ndlela ndenza ngayo? Kanjani? Ingathini intliziyo ukophela Yena . . . Yaye Uyayazi intliziyo yam.” Waze Weza wandixelela ngokwahlukileyo. Ndiyakholwa ku Ye, ngokuba Ithelekiseka neLizwi likaThixo. Kwaye ilizwi labo alithelekiseki neLizwi likaThixo, kuba siphila kulo mhla.

Ke ngoku, zihlobo ezingaMakristu, ndifuna ukuthi kuni nonke; ngenxa yokuba, xa Indichukumisa, ngamanye amaxesha ningamangaliswa ukuba kwenzeke ntoni na. A—andinakukwazi ukuyicacisa. Ingaphaya kokuba ingacaciswa ndim. Kodwa ndiba buthathaka kakhulu kude kube nzima ukuba ndime, emva komntu omnye okanye ababini mhlawumbi endithe ndahlangana nabo. Usenokungayiqondi loo nto, kodwa, funda nje iSibhalo, Siyayixela. Ndiyakholwa, ngumprofeti uDaniyeli owayebone umbono; waze waphazamiseka engqondweni yakhe iintsuku ezininzi. Ingaba kunjalo?

NoYesu, ngaxesha lithile, xa umfazi, owayenokholo olwaneleyo ngokokude aMtsale ajike abone ukuba wayengubani na, Wathi, “Ndiyasazi isidima, amandla, aphumileyo kuM.” Ke abantu belapho phandle kanye, xa . . .

Asindim, Makristu. Hayi. Mna . . . Ndiyindoda nje, omkhulu kuboni. Kodwa, ozelwe ngaphandle kwexesha, kuni bantu bamaFull Gospel. Injalo loo nto. Ngobabalo, ngobabalo lukaThixo, undivumela ukuba ndinibise ngokuba ningudade nomzalwana. Kwaye ndi—ndiyanithanda.

Kwaye a—andikho ngapha kusihlwanje ukuza kubonwa okanye ndiviwe. Andikho apha ngenxa yezezimali. Ukuze, ndi . . . Niyayazi loo nto. Ngoko ndilapha ngenxa yento enye, ngokuba ndithanda uYesu ndibe ndinithanda nani. Kwaye ndiyakholwa ukuba ukuza, ngolu tyelelo, mhlawumbi ndinokuzinikela kuYe aze Yena abe nokwenza into ethile ngam, eyakumenza ukuba niMthande nangakumbi, nikholwe kuYe nize niphiliswe. Leyo (yeyam) yeyona njongo ipheleleyo ndinayo, yokuba lapha.

UThixo anisikelele. UThixo anisikelele balungiseleli kwakhona, noosomashishini. Kwaye ndithi kuni ngoku,

ngaphambi kokuba ndibe buthathaka kangako; ngamanye amaxesha kuba nzima ukuba ndimnke eqongeni. Unyana wam nomongameli, nabanye, bayayigada loo meko. Kwaye ndifuna ukuthi nisale kakuhle. UThixo anisikelele. Ukuze ukuba andithanga ndinibone kwakhona kweli cala lalo mlambo mkhulu, ndiyakunibona kusasa, apho kuya . . . Ndaye ndiyakuba nobungqina endinabo ngoku: ndiyayithanda iNkosi uYesu.

Kwaye, imibono, uThixo undinika imibono. Yinyaniso leyo; iBhayibhile ilapha phambi kwam, noThixo Ulingqina lam, kwaye uyazi. Ndaye ndibabaza kuphela ndithethe njengoko Eyakundivumela, ngobabalo lwaKhe, ukuba ndenze njalo. Ngoko, ndithandazeleni.

Ke nantsi enye into endingathanda ukuyicela. Ndiya e-Afrika, e-India, ePalestina, eJamani. Yaye, nikhumbule, kuloo mazwe, njengokuba kwakunjalo ngaphambili; musani ukucinga ngokuba amaxhwele nabo bonke abo bantu bahlukileyo bazaliswe ziidemon bayakukumemela kanye etshatshalazeni, kwaye kungcono ukuyazi into othetha ngayo. Injalo loo nto. Kwaye xa imimoya ibhudla, ishushu inzima, nokutshutshiswa kuqhubeka, kwaye ndikhumbula, eWashington, D.C., ukuba umntu othile uyandithandazela. Ungathembisa ngaloo nto? Ukuba uyakwenza njalo, phakamisa . . . [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Enkosi. UThixo akusikelele. Enkosi kakhulu.

Ngoku, ndiyacinga, ngorhatya lwayizolo baye bakhupha ikhulu lamakhadi omthandazo, phezolo. Kwaye ndiyakholwa ukuba elo nani beli . . . okanye loo nobumba ibingu-Y. Kwaye ndiyakholwa ukuba ndibize ishumi elinesihlanu lokuqala lawo, phezolo. Ndiyacinga ukuba injalo loo nto. Ingaba kunjalo, bazalwana? [Kukho umzalwana othi, “Kunjalo.”—Mhl.] Ishumi elinesihlanu lokuqala laloo makhadi ebelikhutshiwe.

Ngoku sizakubiza amanye kuwo. Kwaye mhlawumbi, ngokuhlwanje, ukuba ukholo luya lunyuka, mhlawumbi singabiza amaqela amabini okanye amathathu kuwo. Ukuze ukuba kunjalo, ndicele wonke umntu apha . . . Bangaphi abantu abalapha abangenalo ikhadi lomthandazo abaya kuthanda ukuba baphiliswe nguThixo ngokuhlwanje? Phakamisa nje isandla sakho; ongenalo ikhadi lomthandazo. Kulungile, kulunge . . . Kunzima nokuchaza umahluko. Kuqinile nje, yonke indawo.

Ndizakunicela ngento enye. Eli isenokuba lityeli lokuqala lokuba ndakhe ndane mvuselelo. Kubi kakhulu sibe asinakuhlala ithutyana elide enkonzweni ukuze nazi indlela yokwamnkela iMpiliso eNgcwele . . .

Yaye ngamaxesha amaninzi, xa abantu bephilisiwe . . . Ithumba elihlumayo li—liyidemoni. Sonke isifo sesikaMtyholi.

UThixo akangeke, uThixo akabeki kugula phezu kwabantwana baKhe. NguMtyholi owenza loo nto. 'Yabona? "Kwaye ukuba uSathana ukhupha uSathana . . ."

Nithi, "Kuba, uMtyholi uyaphilisa, naye."

Ke, uYesu wathi akangekhe. Wathi, "Ukuba uSathana ukhupha uSathana, ubukumkani bakhe bahlulelene phakathi." Ngoko, akangeke. NguThixo onokuphilisa.

Ezamachiza noogqirha azibangi ukuba ziyaphilisa. ABantakwe bakwaMayo lelinye lawona magunya ethu angcono. Bathi, "Asibangi kuba siyaphilisa." Bathi, "Sibanga nje ukuba sincedisana nendalo."

Mnye kuphela umphilisi, nguThixo lowo. Bangayithunga indawo bayidibanise, esandleni kuwe, kodwa abangekhe bayiphilise. Bangayithunga nje idibane kuphela. Ugqirha wamazinyo angalitsala izinyo lakho, kodwa ngubani ozakuyiphilisa loo ndawo? Ugqirha angalikhupha ithunjana, kodwa ngubani ozakuphilisa loo ndawo ayisikileyo? NguThixo owenza oko. Iyeza alisakhi isihlunu. Iyeza lingumncedisi kuphela. NguThixo ongumphilisi. Ugqirha angayibeka ingalo yakho, koko, xa athe wayibeka ingalo yakho, uze ungaphumi . . . Ube ungaphilanga. Ugqirha wenza inxaxheba yakhe, oko akufundisiweyo ukuba akwenze, noko anolwazi lokukwenza. Uyayibeka ingalo yakho, kodwa uyiyekela kuThixo ukuba ayiphilise. Injalo loo nto. Yonke impiliso ivela kuThixo. Ngoko, ngoku, kholwa nje kuYe.

Kwaye ngamanye amaxesha xa loo mathumba adumbayo, ubomi buphuma kuwo, njengedemoni, ke, ngoko loo mathuba ayafa.

Ukuba ubomi buphumile kuwe, kakade, ungafa. Ubomi bakho buphumile kuwe, kodwa umzimba uselapha. Uyashwabana. Ukuba kukho umntu ongumngcwabi apha, uyazi ukuba umzimba womntu . . . Nawuphi na um– . . . Nayiphi na inyama iyashwabana bakuphuma ubomi. Khangela kwisilwanyana esincinane xa—xa sibulewe endleleni. Siyakuba nobunzima . . . Okanye, abanye benu bangabazingeli apha, ukuba ubulele isilwanyana, inkomo, okanye unosilarha; uze uyibeke esikalini uyiveyishe ngoku, uyibulale nje uyiveyishe. Ngoko, kusasa, xa ilinganiswa kwakhona ubone ukuba zingaphi na iiponti elula kunangaphambili ngazo. Uze uyiyeke ilale apho iintsuku ezimbini okanye iintsuku ezintathu, uze ke ubone ukuba zingaphi na iiponti engaphezulu ngazo ngobunzima.

Ke, ngoku, ithumba, xa lisifa, idemoni iyaphuma kwelo thumba lokudumba, njengendawo edumbayo, umhlaza, iqhubu. Nezinto ezinjalo xa idemoni iphuma kulo; yona ibubomi.

Wonke umntu olapha usuka kwisuntsu elincinane lobomi, kwaye—kwaye izihlunu ezincinane ziyaqala ukwanda. Kwaye ezo zihlunu zincinane zifuza imvelo yobomi ebikuzo, eyenze umntu. Kwaye iseli esuka kwinnja yenza innja; nentaka intaka. Nokuba yeyiphi na imvelo eyifuzileyo, lonke uhlobo.

Kodwa ngoku, idemoni, elithumba elihlumayo, okanye ayifanelwanga kukuba ingene kwithumba, iyi. . .iyaqala ukwandisa iiseli. Singathi, ngokomzekelo, umhlaza. Uqala ngokwandisa iiseli, uye usiba mkhulu, ngokuba mkhulu. Ke, ngoku unobomi, kwaye uyaphila.

Kanye njengokuba wawuphila usakhula esizalweni sikamama wakho. Yinto enye, uyakhula.

Kodwa, ngoku, obo bomi asibobomi bakho. Bubomi obahlukileyo. Umelwe kukuba ube nobomi, ukuze uphile; kwaye obo bubomi bokufa, okanye umoya wokufa, gxebe. Uxolo. Kwaye bukukufa. Ke, ngoku, asibubo obakho. Babungekho apho ngaphambili, kodwa bulapho ngoku. Ke, ngoko, ngubani obufake apho? Bumelwe kukuphuma kwinto enye, nguMtyholi ke lowo. Kwaye bulisuntsu lobomi. Umhlaza, ithumba, nantoni na kwezo zinto, ivela kwisuntsana lobomi. Nawe uvela kwisuntswana lobomi, kananjalo, ’yabona.

Ngoko xa loo nto isifa, ngokomzekelo, njengelifa. Umntu onamafa, kwaphuma umoya, lo mntu uthi, “Owu, ndiyabona! Ndiyabona!” Ukuze ngemini elandelayo, abe esabona ngokungcono. Kodwa ngoko malunga, emva kwamalunga namashumi asixhenxe eeyure, ukubola kuyangena.

Njengovuko lukaYesu, ngoku, izihlunu ezincinane azizange zibole. Wavuka ngaphambi kweentsuku ezintathu nobusuku obuthathu, kakade. Uyabona, wafa ngenjikalanga yangoLwesihlanu, waze wavuka kusasa ngeCawe. Kuba, uDavide wathi, “Andisayi kuwushiya umphefumlo waKhe kwelabafileyo, ndingayi kumnikela oyiNgcwele waM ekuboneni ukubola.”

Ezo nyamana zincinane ziyaqalisa ukwaphuka kumashumi asixhenxe anesibini eeyure. Kwaye malunga. . .Ukuze ngoko isigulana. . .Xa oko kuqala ukudumba, elo thumba likhulayo, lisiya liba likhulu, bayakuthi. . .Kakade intliziyo yakho imelwe kukucoca umsinga wegazi.

Inenekazi elithile belize apha phezolo, elingcwele kakhulu, umfazi okhangeleka enobuthixo, enomhlaza omkhulu obuthe. . .Waza wathi ungene emgceni, waze wathi ubugqunyiwe wonke, ziinwele zakhe. Waze wathi ndiye ndema ndakhangela kuye, ndamxelela, ndiphantsi koMoya, ukuba unomhlaza entloko kuye. Ndaze ndathi ubuyakusuka. Waze wasuka. Yaye unawo apha, ndiyaqikelela, kusihlwanje, ulapha ebhotileni yesiyobisi, kanye apha ngoku. Sikhe sanamawaka ayo.

Ingaba ukho loo mfazi kwesi sakhiwo? Angakhe eme ngenyawo, ukuba loo mfazi ukhona phi na kwesi sakhiwo, ebenomhlaza kwesa siyobisi. Ukuba ukho na phi na kwesi sakhiwo, ukuba umi ngeenyawo, wangazelisa isandla sakho okanye into ethile, ukuze omnye umntu abe nokukubona. Ewe. Naliya elo nenekazi limi phaya, linomhlaza.

Kwaye ndakhe ndababona, bemi eqongeni, bajike nje babe mhlophe bawe ukusuka eqongeni. 'Yabona? Ngoku, ngummangaliso lowo.

Ngokwesiqhelo, xa ithumba lifile, ubomi buyaphuma kulo. Kodwa, ithumba elo lidumbayo, ukuba alinakuwa lisuke, lihleli ngaphakathi. Kwaye ukuba lenza njalo, kakade, liyakuhlala apho okweentsuku ezimbalwa lize liqale ukudumba kwakhona. Njengayo nayiphi na enye inyama, amasuntsu ayo ayakuqalisa ukwaphuka. Ngoko ke uyagula ngenene ngumkhuhlane. Kakade, kukungcoliseka kwegazi, yinto esondele apho. Intliziyo impompa igazi ize icoce umzimba. Kukho uxwebhu olukhulu lwenyama olulele apho lukhululekile emzimbeni wakho. Umguli ugula kakubi ngokoyikekayo.

Ngoko uthi, "Owu, ndi—ndizive ndiphile kangako xa ndiseqongeni, yakokosuku okanye ezimbini. Kodwa ndiyaqonda ukuba ndilahlekelwe yimpiliso yam."

Kutheni, mzalwana, dade, ngowona mqondiso ungcono ehlabathini lowo wempiliso yakho. 'Yabona? Kwaye ngoko uyaqala ukungakholwa, kwaye, ngokuqiniseke njengokuba ukholo lwakho lubukhuphile ubomi, ukungakholwa kwakho kuyakukubuyisela kwakhona. 'Yabona? Ukuya kwenza njalo. Kuyakubuvusa. Khumbula, uYesu wathi, "Xa uthe umoya ongcolileyo waphuma emntwini, uhamba hamba kwiindawo ezomileyo." Uze uye neminye imimoya esixhenxe.

Ke ngoko mayithi indoda elungileyo yendlu, ukholo, ibe lapho, akunamsebenzi nokuba uziva njani na. Asikoko ukuvayo; koko ukukholelwayo. UYesu akazange athi, "Ingaba uyivile?" Wathi, "Ukholiwe na yiloo nto." Yayiyiloo nto. UThixo akusikelele. Kulungile.

Ngoku, masibone, ndiyakholwa ukuba ibilikhulu lamakhadi omthandazo abathe balikhupha phezolo, ku-Y. Asikhange sifikelele kubo bonke. Masithathe ishumi elinesihlanu lokugqibela labo ngokuhlwanje, sizame. Ngubani onekhadi lomthandazo amashumi asibhozo-. . . Inokuba lilo, hayi, amashumi asibhozo anesihlanu. Ngubani onekhadi lama-85? Ungasiphakamisa isandla sakho, ukuba ukho umntu apha, kwindawo ethile phaya emva, ikhadi lomthandazo lamashumi asibhozo anesihlanu.

Kulungile, amashumi asibhozo anesithandathu, ngubani onekhadi lomthandazo lamashumi asibhozo anesibhozo anesithandathu? Kulungile amashumi asibhozo anesixhenxe,

ndingambona umntu othile onekhadi lamashumi asibhozo anesixhenxe, ncedani? Ukuba . . . Ungaphakama ume ngeenyawo, amashumi asibhozo- . . . Kulungile, amashumi asibhozo anesixhenxe yintoni . . .

'Yabona, umntu othile mhlawumbi ongakwazi kuphakama; mhlawumbi ukumandlalwana ophathwayo; mhlawumbi usisithulu; aze—aze athi, "Ke, akukho undincedayo." Kwaye ndi—ndiyazifumana iziphumo, e-ofisini yam. Bathi, "Ke, bendiphaya. Wa—waze wabiza nje ukusuka kwelithile-thile ukuya kwelithile-thile, akwabikho mntu undincedayo." Kwaye mhlawumbi ngumntu ongevayo.

Ngoku khangela. Siwafumene amashumi asibhozo anesihlanu, amashumi asibhozo anesithandathu, asibhozo anesixhenxe. Khangela kwikhadi losecaleni kwakho ubone. Usenokuba usisithulu aze angabi nakuva. Amashumi asibhozo anesixhenxe. Enkosi, dade. Amashumi asibhozo anesibhozo, ngubani ongamashumi asibhozo anesibhozo? Ikhadi lomthandazo lamashumi asibhozo anesibhozo, ingaba likho kwesi sakhiwo? Amashumi asibhozo anesibhozo? Kulungile. Amashumi asibhozo anethoba, ingaba . . . onekhadi lamashumi asibhozo anethoba? Ungaphakama? Amashumi asibhozo anethoba, ingaba siphakamile isandla samashumi asibhozo anethoba? Kulungile, amashumi asibhozo anethoba. Kulungile, amashumi alithoba, amashumi alithoba?

Kholwa kuphela, ilungile loo ngoku.

Ngoku, naye wonke olapha ngaphakathi, ukuba nje uyakwenza oko Athi kwenze. Ngoku, akunamsebenzi nokuba Uthi yenza ntoni na. Yenza loo nto. Yenza loo nto nje wena—wena yenza nje oko Athi kwenze.

Ngoku, ndingumzalwana wenu, indoda nje. Ngoku ukuba Uyakuza a—athabathe olu phahla lulusizana, alusikelele ngokwaneleyo, ukuze enze uMoya waKhe oyiNgcwele usebenza ngalo, ngoko niyakubona uYesu Kristu ehamba-hamba phakathi kwezihlwele.

Ke, ngoku, akunamsebenzi nokuba UZingqinela kangakanani na apha, ukuba awukholwa kuYe, Akanakukwenzela nto. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Akunamsebenzi nokuba Ebemi kanye apha ecaleni kwam, ebonakala, ube nokuMbona, ngoko, ukuba ubungandikholelwa, bendingenakukwenzela nto. Kodwa elam—elam ilizwi liyakuba koko nje Akuthethileyo kuphuma eSibhalweni, ndaye ndiyakuthandaza ngentliziyo yam yonke ukuba uThixo akuncede. Kuba, ngokuqinisekileyo kuyakubakho oomama nootata, njalo njalo, apha, abagulayo nabaxhwalekileyo, nabasweleyo. Kwaye ndiyakucela uThixo ukuba anincede, ngokona kungcono kolwazi lwam.

Kulungile, yenzani umgca apha ngasekunene.

Ngoku masigobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

Bawo onobubele, sithandaza eGameni loNyana waKho, wanga uMoya oyiNgcwele angeza ngoku abonakalise imisebenzi kaYesu Kristu. Sikelela aba bantu, kuyo yonke indawo, ukuze ubaphilise, benze baphile, benze babesempilweni, bonwabe.

Ke ngoku, ukuze kwenzeke oku, Bawo, uyazi Wena ubuthathaka nobu . . . esaKho . . . nesicaka saKho. Kwaye a—andazi ukuba mandithethe ntoni na okanye ndenze ntoni na. Ke ngoku ndikwenze oku ngokomyalelo waKho, kwaye ndiyakholwa ukuba Uyakubakho, kusihlwanje, uze usikelele uncede aba bantu. Ke, Bawo, ukuba Uyakuvumela nje uMoya oyiNgcwele ukuba uze kumkhonzi waKho utyhile zonke ezi zinto kuthi, emasikwenze, nendlela emasikwenze ngayo, ngoko siyakonwaba sivuye. Nesi sihlwele siyakukholwa kuWe, ngantliziyo nye nangamxhelo mnye. Kwaye, Bawo, ndicela oku kuWe, njengomkhonzi waKho, makungabikho namntu mnye ubuthathaka oyakushiya esi sakhiwo kusihlwanje. Banga bangathi, bonke ngabanye, bahambe bephilile, bevuya. Yenza oko. AWungekhe, Bawo? Ndithandaza ngobabalo entliziyweni yam, nokholo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ngoku, ngamaxesha amaninzi . . . Ewe, ingaba kukho umntu ophaya kweza zibane, kukho umntu osezibaneni, onokuzishukumisa?

Ngoku, ngamanye amaxesha, lo Moya uyiNgcwele, Uyeza . . . Kwaye abaninzi benu bakhe bawubona loo mfanekiso. Ukuba ndiphinde ndeza kwakhona, ndizakuniphathela eminye yawo, njengoko uMzalwana uMoore ebebalisa phezolo. Wathatyathwa ngamaxesha aliqela. Nasezincwadini . . . Ndiyaqonda ukuba ninawo nonke. Si—Si bendinebhokisi ezimbini kuphela, ngoko ndiyathemba ukuba niyakuzivuyela ngenene kakhulu. Ke ngoku bona . . . Uze ukhangele apho ngaphakathi kwaye uyakubona omnye umfanekiso waWo, apho Ubusihla khona. Waze umfoteli phepha-ndaba wathatha lowo, eCamden, e-Arkanso, kodwa ubungengoqondakala njengalo woManyano lwaseMelika. Kwaye ba—bawuthabathile, kwakungoko ke apho wathi waqondakaliswa. Ngoko si . . . Kunye namawaka abantu . . .

Ndandimi phezu komlambo, apha kwixesha elithile eladlulayo, ndibhaptiza amakhulu amahlanu emva kwemvuselelo, waze Wehla kanye kuloo ndawo ndandimi kuyo. Abantu bajuba, wabe ulapho nje. Kwaye wawukukuduma nje njengengxolo noMlilo ovuthuzayo.

Ndiyathandaza ukuba uThixo eze abonakale phambi kwezi zihlwele ngokuhlwanje, ngaloo ndlela, apha kwindlu yepalamente, kube kanye, ukuba ndinokufumana inceba kuThixo.

Ngoku niyaqonda Angavela kumehlo athile, aze angaveli kwamanye. Asifuni kucinga ngolo hlobo, kodwa Wenza njalo.

UYohane nguye owangqinayo, ebona uMoya kaThixo uphezu koYesu. Ingaba kunjalo? Akazange athi, “Sisihlwele.”

Ne—nezazi zalandela inkwenkwezi. Niyakholwa yiloo nto? Yadlula phezu kwalo lonke iziko lezophando ngesibhakabhaka zelo zwe, yonke loo ndlela ukusuka empuma, iiveki neenyanga, isiza. Kwaye babelibala ixesha ngeenkwenkwezi. Babekhangela, ubusuku bonke, baze bagcine ixesha, kwaye akukho mntu wakhe wayibona. Kodwa izazi zona zayibona, kuba zazikhangela yona.

Ukuba ungokhangela uKristu kusihlwanje, uyakuMbona. INkosi uYesu ikusikelele! Kulungile.

Billy Paul, Mzalwana Moore, omnye kuni, ingaba . . . nawuphi na osele elungile. Kulungile. Ingaba bawenze wonke umgca walandelelana, Billy, lonke ishumi elinesihlanu? Lonke elinesihlanu elime emgceni.

Ngoku, kuni ninonke, zamani nina ningenawo amakhadi omthandazo nibe nisazi ukuba aniyi kungena emgceni. Ndifuna ukuba nikhangele ngapha nikholwe nje kuphela. Nize nikholwe ngohlobo olunye lokholo awathi laa mfazi wachukumisa ngalo isambatho saKhe.

Waze Wajika wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.” Niyakholwa ukuba Usekwanguye ngokuhlwanje? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa . . .

Kuso sonke eso sihlwele sasikhwaza, laa mfanyana mndala ulusizana yayihleli phantsi ngakwindonga zaseYeriko, ezazinokuphindwa kabini eneneni kunesi sakhiwo, ikhwaza ikranxalaza, “Yiba nenceba kum!” UYesu ngokuqinisekileyo wayengazange akuve ukukhwaza kwayo.

Kodwa Weva ukholo lwayo. Lwashukuma. Kulo lonke elo qela labagxeki! Waze Wajika, wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.”

Wajikela esihlweleni, waze wathetha ngokwahlukileyo. “Kutheni na ukuba nicinge kanje entliziyweni yenu?” Wathi kumfazi owayesequleni, “Hamba uye kubiza umyeni wakho.” Waze Wathi, “Andinakwenza nto engathanga uBawo aNdibonise.” [Inkonzo yobu busuku iphelela kule ndawo—Mhl.]

[Inkonzo yobunye ubusuku iqhubeka ngale ndlela ilandelayo—Mhl.]

Ndinibuza into. Ukuba oko ndikuthethileyo kuyinyaniso, ukuba kuyinyaniso, ngoko uThixo ubophelelekile kwiLizwi laKhe. Hayi kum, koko kwiLizwi laKhe. Ingaba kunjalo? Ubophelelekile kwiLizwi laKhe. Kwaye, ngoko, Uyakwenza

ukuba oko kwenzeke kanye ngaloo ndlela Athe Uyakukwenza ngayo. Ukuba Ukwenzile, ingaba ngoko nina nilapha, ukuba animamnkelanga uYesu Kristu, ingaba ningathanda ukwenza njalo?

Kwaye nina balapha, ninokuyibona inceba yaKhe, kwabanye, ewe, Uyakuba nenceba kuni ukuba niyakuba nokholo nikholwe. Nithandaze nje nithi, "Nkosi, ndi—ndingokholwayo, kwaye ndifuna ukuba Undiphilise ngokuhlwanje." Yaye uThixo uyakuyenza loo nto.

Sisandula ukusuka e-Afrika, kutshanje, apho ndibuyela khona kwiveki ezimbalwa ezizayo. E-Afrika, e-India, ePalestina, eJamani nokuya kulungiselela. Kwaye eDurban eMzantsi-Afrika, emva kokuba abantu abathathu okanye abane bedlule kumgca wokuthandazela, baze babona aMandla kaMoya oyiNgcwele ehamba-hamba ebantwini, baze babona oko uThixo wayekwenza, amashumi amathathu amawaka amnkela uYesu njengoMsindisi wawo kubizelo-siguqweni olunye. Amashumi amathathu amawaka ngaxeshanye.

Ngoko, ndiyakholwa, ukuba ukuba siyakuthabatha iLizwi likaThixo njengomyalelo, size siye kulo lonke sishumayele iVangeli! "IiNdaba ezilungileyo azizanga ngaLizwi kuphela, koko ngamandla nokubonakalalisa koMoya oyiNgcwele." Ngoko i—iVangeli, ikukubonakalalisa amandla kaMoya oyiNgcwele.

Ndikhe ndaya ezizweni. Bathi, "Ngoku, asifuni mseki-mabandla. Sazi kakhulu ngaloo nto kunokuba usazi wena. Kodwa, into esifuna ukuyibona, ngumntu othile onokholo ngokwaneleyo lokwenza iLizwi likaThixo libonakalaliswe."

Nantso into abafuna ukuyibona. Kwaye nantso indlela abaguquka ngayo. Nantso indlela abamfumana ngayo uKristu, kungokuba ba—bakholwa ngolo hlobo. Kwaye ndiyathemba kuThixo, ngentliziyo yam yonke, ukuba bayakuba baninzi, baninzi apha ngokuhlwanje abayakufumana uKristu ngaloo ndlela inye ezintliziyweni zabo. Yanga iNkosi uYesu, waseNazarethe, angasikelela umntu ngamnye kuni, ngumthandazo wam lowo.

Ngoku, kulungile?

Akukho mntu umfunayo uThixo nangaliphi na ixesha. NguThixo ofuna umntu. Akazange umntu amfune uThixo, kwihlabathi lilonke. UThixo ufuna umntu. Ekuweni komntu okokuqala, emyezweni wase-Eden, oko kwabonakalisa ukusokola komntu. Umntu wazimela; uThixo wayezingela umntu. UYesu wathi, "Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale." Kumelwe ukuba ibe ngotsalwe nguBawo, kuqala.

Kwaye, ngoko, ndingathanda ukucacisa into kuni: malunga nokubona umbono.

Bangaphi abantu abalapha abakhe baphupha iphupha. Masibone isandla sakho. Kuba, ndiyaqikelela sisibini kwisithathu senu. Kukho inyaniso yokuba abantu abaninzi abaphuphi. Yingqondo yakho yangaphantsi leyo, sifundiswe ngolo hlobo. Nantsi ingqondo yakho yokuqala; nantsi ingqondo yakho yangaphantsi. Ngoku, le ngqondo yangaphantsi yiyo endizama, ngoMoya oyiNgcwele, ukusebenza kuyo.

Le ngqondo yokuqala. Ndisenokubuza le ndoda ilapha, okanye nayiphi na enye indoda apha, umntu othile, “Uyakholwa?” “Owu, ewe, mhlekazi!” Niyakholwa yiloo nto apha, kodwa uthini ngale ndoda iphaya ezantsi? Yiyo eqhuba inqanawa, asiyiyo le ndoda iphaya phezulu kwindlu yomqhubi. Yilaa ndoda ikwindlu yenjini.

Ngamanye amaxesha xa usiya kulala, ungena kule ngqondo yangaphantsi uze uphuphe, kwaye uphupha ngezinto obuzenza ngoku ubulapha. Ngoko, ekuvukeni kwakho, ukhumbula izinto oziphuphileyo. Nina bantu niphupha amaphupha. Kwiminyaka emininzi eyadlulayo naniwaphupha. Nisawakhumbula. Kanye ngokungathi, kwakukho inxalenye yenu kwindawo ethile (ingaba kunjalo?), okanye ngeningawakhumbuli, into ethile enayiphupha kwiminyaka emininzi eyadlulayo.

Ngoku, indoda elala yoyi, ingqondo yayo yangaphantsi ikude. Ayizi kuyo.

Kodwa, imboni, ingqondo yayo yangaphantsi ayikho phaya emva, ingekho nalapha. Ilapha kanye. Ayilali. Amehlo ayo avulekile, yaye iyabona nje.

Ngoku, loo nto, uThixo uyinika loo ndoda indawo, apho inokulala khona yoyi ingaphuphi. UThixo wanika umntu indlela yokuphupha amaphupha. Ndingathi mna, “Phupha iphupha.” Awunakuyenza loo nto.

Ke, ngoko, uThixo ubeka ebandleni, abanye, babe ngabapostile, abaprofeti, izipho zokuphilisa. Ingaba kunjalo? Bonke ngabokugqibelelisa ibandla.

UPawulos wathi, ukuba kungene . . . “Ukuba nithetha ngeelwimi nonke, aze ongenakukwazi angene, akasayi kuthi niphambene nonke na? Kodwa ukuba othile uyaprofeta atyhile iimfihlelo zentliziyo, akasayi kuthi awe phantsi athi ngenene uThixo unani?” Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba yiVangeli leyo? [“Amen.”] Ke, yayingengoYesu Kristu lowo izolo? [“Amen.”] AsinguYe namhlanje? [“Amen.”] Ungakholwa kuYe ngokuthetha ngeelwimi; ungakholwa ngoMoya oyiNgcwele; kodwa ndikholwa kuYe ngomlinganiselo

ozeleyo wokuba unguYe, iNkosi uYesu enye. Akafanga. Wavuka kwabafileyo, kwaye ulapha ngokuhlwanje, apha eqongeni ngoku. Kwaye wanga Angasikelela ancede.

Andizange ndibe kweli lizwe ngaphambili. Kwaye, ekwazini kwam, akukho mphefumlo uphilayo ndakhe ndawubona phambi kwam ndiwaziyo; bambalwa kakhulu apha eqongeni. UMzalwana uBoaz, ndiyamazi. Ndakhe ndayibona laa ndoda isecaleni kwakhe; andiyikhumbuli igama layo. Kodwa, nam. . . uMzalwana Lindsay. Mhlawumbi nje bathathu okanye bane abalungiseleli abahleli apha endibaziyo, kwesi sakhiwo. Kodwa, uThixo unazi nonke. Ingaba yinyaniso leyo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Unazi nonke.

Ngoku, eli nenekazi limi apha, uThixo eZulwini uyazi ukuba andizange ndilibone ebomini bam, ngokokwazi kwam. Asazani, nkosazana? [Loo dade uthi, "Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Singabazaniyo ngokugqibeleleyo. ["Ewe."] Kodwa uThixo uyalazi.

Ngoku, ukuba uYesu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, masiguqule umfanekiso ngoku. Into Awayeyiyo izolo, ngethuba Wahamba waya kufumanisa into ethile malunga nomfazi, Wathi, "Ndiphe Ndisele."

Wathi yena, "Kuba, akukho sikweni ukuba kwenzeke oku, amaJuda nokunjalo njalo, namaSamariya."

Kodwa, uYesu, ethetha nalo kancinane, ngelo thuba, Wafumanisa ukuba yayiyintoni na kanye inkathazo yalo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ke, ngoku, uYesu uvukile kwabafileyo, ngoku, kwaye uphila ngaphakathi kuthi ngokuhlwanje. "Kusaya kuba mzuzwana, ihlabathi lingabi saNdibona, ke nina niyakuNdibona, kuba Mna. . ." "Mna" sisimelabizo somntu eso. "Ndiyakubanani, ndibe ngaphakathi kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi." Ngoku, yiNyaniso yeVangeli. Usenokuba wakhe Wayifunda ngolo hlobo, okanye wayicinga ngaloo ndlela, kodwa yindlela ebhalwe ngayo eBhayibhileni leyo. Ukuba, imfundo yezakwalizwi isenokuba yaYidlula kwindawo ethile, kodwa leyo yindlela Ebhalwe ngayo eBhayibhileni. "Ndiyakuba nani, ndibe ngaphakathi kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi."

Ngoku, uyazi ukuba ndilinde into ethile. Yinyaniso leyo. YiNgelosi yeNkosi. Yinyaniso leyo. Ndilinde nje ndingenakunceda kangangoko ndinokuba njalo, kanye njengaye nabani na apho kuni nonke. Kwaye ndilapha mhlawumbi kukho abagxeki abahleli apha.

Bangaphi abakhe bawubona umfanekiso waYo, abaziyo ngeenkonzo baza babona apho wathatyathwa khona ngokweenzululwazi umfanekiso waYo, okwaku kuKhanya

kuKhulu kungenayo nize niKukhangele? Ewe, abaninzi benu. Owu, amawaka okukhutshelwa kwawo athe athengiswa, njalo njalo. IDouglas Studios eHouston eTexas inawo, apho uGeorge J. Lacy, oyena ungoyena ungcono kuphando lwaseMelika, wawuthabatha wawuxilonga, nayo yonke into, ukubona ukuba yayingekokudubula kuphindaphindeneyo na okanye into ethile. Kwaye uYesu Kristu waZingqinela njengokwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

Ngoku, kakade, ndilindele Yena. Nokuba Uyakundinceda na ngokuhlwanje, andazi. Kwaye ukuba ndithetha nantoni na ngokuqhayisa, okanye nantoni na endiyithethe ingekho ndleleni, wanga uThixo angandixolela. Andinakuzimisela kwenza loo nto. Ndizimisele kuphela, ngokuthobeka kwentliziyo, kukumela uYesu Kristu Ondiphulaphuleyo ngoku. Kwaye yanga inceba yaKhe ingalapha ngokuhlwanje. Ekubeni ndizithethile ezi zinto, ndibe ndiseLizwini laKhe, wanga Angeza andincede, ngumthandazo wam lowo.

Ke, ngoku, ingaba umdlali-ogani ukho kwindawo ethile? Ukuba anganako, ngokuthe chu, ancede, ngokuthe chu kakhulu, iculo, uKholwa Kuphela.

Aze wonke umntu ancede abe kwi—kwimo yomthandazo, ukuba ninganako. Awumelwe kukuyigoba intloko yakho ngaphandle kokuba uceliwe ukuba wenze njalo.

Ngoku, kumgca wokuthandazela, nina nizayo, kuthini ukuba. . . Ukuba Uyakukhalimela, umelwe. . . ukuba yi. . . Iyakuba yinyaniso. Ukuba iyiyo, umelwe kukuba ube ngovumayo ukuyimela. Esihlweleni, naphi na, ukuba Uthethile, zenazi ukuba asindim. NguYe. Nihambe niyokulungisa. Into yokuqala onokuyenza, phambi kokuba ube nokufumana unyango, umelwe kukufumanisa unobangela phambi kokuba ufumane ukunyangeka.

Ukuba unogqirha, ugula uhluphekile, aze akunike iipilisi zeentlungu, akangogqirha olungileyo. Uzama nje ukukususa emagxeni. Ukuba ngugqirha olungileyo, uyakuyixilonga imeko ade afumanise ukuba yintoni na inkathazo, aze aqale ukusebenza ngokusukela apho.

Kuyinto enye ke esikholelwa ukuyenza apha. Ukuba umoya ongcolileyo, ukuba kukho isono esingavunywanga, okanye into ethile, okanye into ethile ephumileyo kwintando kaThixo; ungabathambisa, ubusuku bonke, ulile ukhale, wenze konke onqwenela ukukwenza, laa demoni iyakuhlala kanye apho. Injalo loo nto. Inelungelo lokwenza njalo. Kodwa nantso into omelwe kukuyibeka esweni; uThixo ebeke isiqalekiso kumntu othile ngesizathu esithile, ngoko uyafika usisuse, ungena enkathazweni njengokuba wenzayo uMoses. Injalo loo nto.

Ulapha, uMoya oyiNgcwele. Ngoku, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, ndithabathela wonke umntu olapha phantsi kolawulo lwam, ndisenzela uzuko lukaThixo.

Ngoku ndifuna ukuthetha nawe umzuzu nje, dade. Uyaphawula ukuba kukho into ethile eyenzekayo, kakade. 'Yabona, 'yabona, isandula kwenzeka khona ngoku. Ngoku, ukuba yinyaniso leyo, bonisa abantu, ngokuphakamisa isandla. Injalo loo nto. 'Yabona? Yiloo nto. Bubukho baKhe obo. Injalo loo nto. 'Yabona?

Ngoku mna, mna andazani nawe, ndingazange ndikubone ebomini bam. Ke ngoku ukuba uMoya oyiNgcwele, endithethe ngawo, kaYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje nangonaphakade; ukuba ngenene ndingqinile ebantwini, ukuqondakalisa oko ukuba kuyinyaniso, abe Yena esekwanguye, ngoko Uyakutyhila into ethile kum, kuwe, eyakuthi ikuncede ukuba ukholwe kuYo. Ukuba ulapha. . .andazi ukuba uswele ntoni na, nokuba yi. . .kodwa Yena uyazi. Ngoku, Ukuba uThixo uyakuyivumela loo nto, ungayamnkela impiliso yakho u. . .okanye—okanye nokuba yintoni na oyifunayo, ezezimali, okanye nokuba yintoni na olapha oze kufuna yona kuYe, okanye oze kuMcela malunga nayo. Okanye, iinkathazo zasekuhlaleni, nokuba kungayintoni na, nokuba yintoni na, Uyakukwazi, kwaye Uyakubanako ukundazisa. Ingaba kunjalo? [Udade lo uthi, "Kunjalo."—Mhl.] Kwaye oko kungaMenza ukuba abe kwanguLowo wathetha nalaa mfazi equleni. ["Amen."]

Ngoku ndithetha nawe nje kuphela, njengokuba Yena wenzayo, ukuze ndihlangane noMoya wakho. Kwaye ndiyakubona wahamba usimnka kum. U—. . .Wafumana i. . .Ndibona ukuntlithana okukhulu kohlobo oluthile. [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Yingozi. ["Ewe. Ewe. Ewe."] Kwaye wena. . .Yayikukuntlitheka kwemoto ["Ewe."] Waze wajuleka emoyeni, ngolo hlobo. ["Ewe."] Yaze loo nto yamkruna, kwindawo ethile entanyeni yakho, yaze yabanga u—umhlaza ukuba ube sentanyeni kuwe. ["Ewe."] Owu, uluhlobo oluthile lomntu ofundisayo, iSibhalo. Kwaye uyakholwa ukuba uYesu Kristu uyakuphilisa? ["Ndiyakholwa."]

Bawo, Thixo, eGameni loNyana waKho, uYesu Kristu, ngegunya leLizwi likaThixo, ngomfazi ofayo, ndicela ukuba le nto ingcolileyo imnke kuye.

Sathana, utyhiliwe, ngoko phuma kulo mfazi, njengokuba iBandla likaThixo ophilileyo liyalela ukuba uphume, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Loo dade uthi, "Enkosi. Enkosi. Enkosi."—Mhl]

Ngoku, dade, umzuzu nje; ndifuna ukuthetha nawe nje. Kuba, uyazi ukuba imnkile loo nto ngoku. ["Owu, ewe."] Kuyakuhlala kunjalo. 'Yabona ukuba unjani na umqala wakho,

ukubetha? Kwaye . . . ["Owu, ewe. Mayibongwe iNkosi."] Lisukile lonke kuye. I—igqithi lisukile emqaleni wakhe. Kwaye u . . . UThixo akusikelele. Hamba indlela yakho ngoku, ube nombulelo, wonwabe uvuye. Kwaye—kwaye ube . . .

Ngoku, yiba nokholo nje kwiNkosi uYesu. Menze, kweyakho . . . esizikithini sengcinga yakho khona ngoku, iNkosi uYesu, njengokuba ucinga ngezi zinto. "Bathi besacinga ngezi zinto, babemxhelo mnye. Khumbula, "uYesu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Usekwanguye namhlanje.

Ngoku yibani nokholo. Khangelani ngapha, zihlwele, nikholwe ngentliziyo yenu yonke. Nize nindihoye ngokupheleleyo. Yibani semthandazweni. Gcinani ukholo kuThixo.

Ngoku, ndiyakholwa ukuba leli nenekazi. Ingaba sesi isigulana? [Kukho umzalwana othi, "Ewe."—Mhl.] Kulungile. Sondela, dade. Kakade, Oko akusayi kukwenzakalisa ngoku. Kona, Kona buBukho nje baKhe, 'yabona, loo nto uqaphela ukuba ikho. Kwaye mna . . .

Kwaye, zihlwele, ndi—ndingumzalwana wenu. A . . . Oku asikokufunda-ngqondo. Ndive into enjalo ivela ezihlweleni. Asikuko. NguThixo onamandla Onke. 'Yabona? 'Yabona? Asikokufunda ingqondo. Hayi, asikuko. Ngoku, musani ukuyenza loo nto. Cingani nje ngokuba yiNkosi uYesu, 'yabona, ngamxhelo mnye.

Ngoku, dade ndifuna nje ukuthetha nawe okomzuzwana nje. Asazani, ndiyakholwa. Kodwa, uYesu Kristu uyasazi sobabini. Kwaye eli lityeli lethu lokuqala sibonana emhlabeni. Kodwa Yena uyakwazi, kwaYe wakondla bonke ubomi bakho. Yaye Uyandazi. Ke mna mzalwana wakho, yaye ngobabalo lwaKhe, nangesipho esiNgcwele . . . ebendingenanto yakwenza nokuza kwaso. Ekuzalweni kwam, ndilusana oluncinane, into yokuqala endinokuyikhumbula yayingumbono.

Ngoku, ndifuna ukuba ukhangele ngapha okomzuzwana nje. Kakade, uyagula. Kwaye ubulaleka i—imeko ye . . . NguMoya onethinzi okujikelezileyo. Ukufa. Kwaye kukwimo yomhlaza. Umhlaza lowo usebeleni. Kwaye u . . . Ndibona ukuba ubuxilongwe ngumntu othile onamandla. Kwaye yi . . . une—unento eliqhubu. Yaye elo qhubu lisezibilinini. Yaye ukhathazwa sisisu, kananjalo. Nenkathazo enzima yentliziyo ekubangele ukuba ujube. Apha kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, ubuhleli emacaleni phezu kwecala lebhedi, waze waphantse wacinyelwa zizibane, ukhangele ngasefestileni.

Ingaba ziyinyaniso ezo zinto? [Udade uthi, "Ewe, mhlekazi, ziyinyaniso zonke."—Mhl.] Loo nto ibiyinyaniso. Ke, nokuba yintoni na ibiyiyo, kakade, imnkile kuwe.

Kodwa ucinga ukuba ibiyintoni le yazi ubomi bakho? IbinguYesu Kristu? Uyamnkela ngokuba ibiyiloo nto? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl] Enkosi. ["Kwaye ndiyakholwa ndi . . ."] Uyathanda . . . Uyazi ukuba into ethile yamandla angaphezu kwendalo ilapha. ["Ewe."] Kwaye ukuba uyakholwa kuYo ukuba yiNkosi uYesu, njengokuba ndiyishumayele ngokuphuma eLizwini! Ube ukholwa ukuba iyiNkosi uYesu? ["Ewe. Ndiyakholwa."]

Ndiyazi ukuba kukho umoya olithinzi. Ndiwubona usajinga kuwe. Yinto ethile ekwimeko embi kakhulu. Uthi . . . Ndiyakubona. Igama lakho ngu-Eva. [Loo dade uthi, "Ewe."—Mhl.] Yaye ifani nguYork. ["Ewe."] Yaye uhlala kwesi sixeko. ["Ewe. Ndihlala kuso."] Inombolo yendlu yakho ngu 613 kwiSitalato seSithandathu. ["Ewe."] Injalo loo nto. ["Ewe."] Uyagoduka, usiya kuphila.

EGameni likaYesu Kristu, wanga angahamba aphiliswe. UThixo akusikelele. Hamba, vuya wonwabe ukholwa kwiNkosi uYesu Kristu.

Yiba nokholo nje. Musa ukuthandabuza. ISibhalo sesitshilo ukuthi, "Hamba ungabuye wone, hleze uhlelwe yinto embi kunale." Isono kukungakholwa. Isono asikokusela, ukutshaya, ukudlala amaqashiso; ezo zizibonakaliso zesono. Uyazenza ngenxa yokuba awukholwa. UYesu wathi, "Hamba ungabuye wone (okanye, "ungakholwa") kwakhona, okanye uyakuhlelwa zizinto ezimbi kunezo." Yiba nokholo kuThixo. Kholwa kuYe ngentliziyo yakho yonke.

Ndibona ukuKhanya kulandela laa mfazi, nangoku, Kukho nje . . . kuba ngulowa ebesandula ukumnka. Kujinga phezu komntu ontsundu phaya. Ewe, elaa nenekazi liphaya, linesinyi neqhubu. Uyakholwa ukuba iNkosi uYesu uyakukuphilisa, nenekazi lihleli phaya linalaa nto imhlophe ijijelwe entanyeni yakho? Ukuba uyakholwa yiloo nto, ngentliziyo yakho yonke, ungaphakama ubange impiliso yakho, uze uphiliswe eGameni leNkosi uYesu. UThixo akusikelele.

Yiba nokukholwa kuThixo. Uyakholwa?

Iqhubu lakho, awukholwa, mhlekazi, uhleli phaya? Ingaba injalo loo nto? Ubuhleli apho, uthandaza, "Nkosi, yenza ukuba laa ndoda ithethe nam." Ingaba kunjalo? Ukuba loo nto injalo phakamisa isandla sakho. Yima ngenyawo zakho. Ukholo lwakho lukuncedile, mzalwana. Goduka; uYesu Kristu uyakuphilisa.

IsekwayiNkosi uYesu Kristu enye! Awuswele kude ube lapha phezulu. Uswele ukuba ube nokholo. Kholwa nje kuThixo, ngentliziyo yakho, kwaye uyakubanako oko ukucelayo. UYesu uyakukunika ukuba uyakukholwa nje. Kodwa umelwe kukuba ukholwe. Umelwe kukuba ukholwe kuYe, ngentliziyo yakho yonke, kwaye uThixo uyakukwenza kwenzeke.

Isigulana. Uxolo, mhlekazi. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku wothukile kancinane ngenxa yoBukho boBume baKhe obumi apha. Kwaye ndiyakholwa ukuba uvela ngaphandle kwale dolophu. [“Ewe, mhlekazi.”] Uvela kwindlu yepalamente, nawe. ERichmond. [“Ewe.”] EVirginia. Unomhlaza. Ungowa . . . ngaphakathi emlonyeni wakho, emhlathini. Ingaba kunjalo? Uyafuna ukugoduka uphile? [“Ewe, ndingathanda.”] Yamnkela uYesu njengomphilisi wakho. [“Ewe, mhlekazi.”]

EGameni likaYesu Kristu, wanga ungayishiya le ndoda, umnke kuyo. Amen.

UThixo akusikelele mhlekazi. Hamba, ukholwa, yiba nokholo, ngayo yonke . . .

Uthini? [Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.] Ndiyazi ngoku, ukuba ukubona wena, uya usiba ngumntu okhangeleka eselula, ubamtsha kakhulu kunale nto uyiyo phambi kwam. Ukhathazwa luhlobo oluthile lwentloko ebuhlungu. [Lo dade uthi, “Injalo loo nto, yintloko.”—Mhl.] Kwaye i—ivela kwiminyaka emininzi eyadlulayo, malunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka eyadlulayo, iintlungu zentloko zakuqala. [“Injalo loo nto.”] Kwaye ibihleli ikuhlupha ukusukela ngoko. Ubulikholwa ngokukhulu. Kwaye uye—uye wayithandazela le yure imi apha ngoku. Utshilo emthandazweni wakho, kuThixo, ukuthi ukuba nje ungafika kum, ukuze ndibe nokuthandaza, ezo nkathazo zentloko ziyakupheza. Ingaba ziyinyaniso ezo zinto? [“Yonke into.”] Yinyaniso leyo.

Ngoku, uvile Oko uthethe loo nto. Ibingendim lowo; ibilizwi lam nje. Ibizezo nokuba ibiyintoni na, ibiyinto ethile . . . Ndi—ndikhumbula ndibona umntu osemtsha okanye into ethile. Ibiyindlela nje ekuthethwe ngayo apho? [Loo dade uthi, “Yindlela nje obuyithetha ngayo.”—Mhl.] Ewe, yindlela nje ebithethwe ngayo. Ngoku, uyakholwa ukuba nguThixo oyenzileyo? Uyakholwa kuThixo . . . [“Ndiyakholwa ukuba nguThixo owenze loo nto. Ndiqinisekile ngaloo nto.”] Ngoku, uqinisekile ukuba uThixo ulapha.

Okomzuzu nje, ndibona into ethile eyenye. Kukho umfazi oselula okhangeleka emi ecaleni kwakho. Yi—yintombi yakho. Kwaye, ewe, ubulungiselela ukuthabatha uhambo oluya kwindawo ethile. Ubuzakuya kubona yona. Yona yeyase-Indiana. ERichmond, e-Indiana kulapho ihlala khona. Yaye yona . . . Umyeni wayo ungumlungiseleli. Yaye ikubhalele incwadi, into ethile, ikuxelela ukuba ungezi ngenxa yokuba bendisiza apha. [Udade uthi, “Kunjalo.”—Mhl.] Ingaba kunjalo? [“Ewe.”] Uphilisiwe. Ungahamba indlela yakho uphiliswe. UThixo akusikelele, dade.

Ngoku, kholwa kuphela. Yiba nokukholwa kuThixo. "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Ke ngoku yiba nokholo nje, ukholwe.

UThixo anisikelele bantu bantsundu nikhwazayo. U—Uhlala elungele ukunceda, nokukholwa, ukuze ancede abantu abasweleyo.

Umzuzu nje. Inenekazi . . . Ngoku ndibona uMoya oyiNgcwele emi ekoneni. Uphezu kwenenekazi elintsundu. Likhangele ngapha; belenze njalo. Kwaye liyathandaza. Linethumba elidumbayo, kwaye elo thumba lisemqaleni walo. Liphakamise isandla salo. Uyayamnkela impiliso yakho, nkosazana?

Inenekazi elihleli kanye emva kwakho apho, ngokunjalo. Linethumba elikhulayo, kwaye lisegxalabeni kulo. Ingaba kunjalo, nkosazana? Ninobabini yimani ngenyawo, khona ngoku. Amanenekazi amabini kanye phaya, anethumba elikhulayo e . . . Amanenekazi amabini antsundu. UYesu Kristu uyaniphilisa nobabini. Ningagoduka niphile, niphilele uzuko lukaThixo. Ukholo lwenu luniphilisile. UThixo anisikelele. Limnkile.

Yibani nokholo kuThixo. Musani ukungakholwa, kodwa kholwani ukuba zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo. Amen.

Bethu! Lolunjani ukholo oluthe ndii kwesi sakhiwo! Kukhangeleka—kukhangeleka kufana nobisi ngenene, phezu kwaso sonke esi sakhiwo. Ngenene nikuMoya weNkosi ngoku. Nantoni na ingenzeka.

Kunjani, nkosazana? Uyakholwa ndim ukuba ndingumprofeti kaThixo, owakhe . . . Ndithetha, kulungile, umprofeti ngumshumayeli. Awulindelanga ukuba ndibe ngowotshaba; ulindele ukuba ndibe ngokaThixo. Ingaba yiloo ndlela okwamnkela ngayo oko? Kulungile, ngoko, ndingakunceda. Kuba, Undixelele ukuba ukuba ndithe ndenza abantu bakholwa kum, ndize ndinyaniseke xa ndithandaza, akukho nto iyakumelana nemithandazo. Kwaye, ngoku, asikokuba ndim oncedayo. NguThixo owenza impiliso.

Ndabuza, ndathi, "Abayi kundikholelwa."

Wathi, "Kuyakubakho imiqondiso emibini oyakuyinikwa, njengokuba yayinjalo kumprofeti uMoses. Kulo, abantu bayakukholwa." Omnye wawo, yayikukutyhilwa kweemfihlelo zeentliziyo zabantu, kubo.

Ngoku, awukho apha uzele isiqu sakho. Nakubeni, uphatshu-phatshu udubekile, kodwa oko kubangwe sisifo saloo mntwana. Lo mntwana lo uyabulaleka. Ujikiwe ngoogqirha, ukuba afe. Unesifo segazi. [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Ayinjalongo loo nto? ["Injalo."] Uzise lo mntwana usuka

ngaphandle kwale dolophu. Uhambile, usiza uvela ngasentshona, usiza empuma, uvela ngapho. Ubuvela kwi—kwisixeko esineentaba. KusePennsylvania. [“Injalo loo nto.”] Kwaye isixeko sakuni, ndiyakholwa, yiChambersburg. [“Ew.”] A—ayinjalo loo nto? [“Injalo loo nto.”] Mzise kum loo mntwana.

Dade omncinane, othandekayo; ukuba iNkosi uYesu ibilapha, Ibiyakubeka izandla zaYo phezu kwakho, ukuze ukufa kumnke kuwe, kwaye ubuyakuphila. Uyakholwa ukuba mna ndisisicaka saYo?

Ngoko, endaweni yaYo, ndibeka izandla zam kulo mntwana ndimsikelela, ndicela ukuba idemoni iphume kulo mntwana, ukuze ubomi bungene kulo mntwana yaye uyakuphila aphile. Phuma emntwaneni, Sathana. Ngegunya leBhayibhile kaThixo, ngesipho esiNgcwele esalungiselelwa yiNgelosi, ndiyakukhalimela ukuba uphume emntwaneni. Phuma kuye. Amen.

Uyakholwa ukuba uzakuphila ngoku, akunjalo. UThixo akusikelele. Jika uphakamisele isandla sakho isihlwele. Ngoku. UThixo akusikelele. Intombazana encinane, enokholo olumangalisayo, phila. UThixo akusikelele, sthandwa. Hamba, uze undibhalele incwadi.

[Yindawo esisikhewu le ekhasethini—Mhl.]

Uyakholwa ukuba ndingumprofeti waKhe, njengomkhonzi waKhe? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba uThixo ukufuphi, noMoya waKhe, kube oku ngoku kusenzelwa iNkosi uYesu? [“Ewe.”] Hayi mna, mna ndingumntu. Ewe. Ukuba uThixo uyakundenza ndazi ukuba yintoni na ekuhluphayo, njengokungqina ukuba ndingumprofeti waKhe emi apha etyhila iNyaniso!

Njengokuba Watshoyo kulaa mfazi, “Hamba uye kubiza indoda yakho.”

Wathi Yena, “Andinayo.”

Wathi, “Ubunawo emahlanu.”

Yathi, “Ndiyabona ukuba ungumprofeti.” ’Yabona? “Ndiyaqonda ukuba Ungumprofeti.”

Ngoku, loo Moya mnye wawuphezu koNyana kaThixo, Wathembisa ukuWuthumela ukwimo kaMoya oyiNgcwele, oyakuba kunye nathi ahlale nathi, kude kube sekupheleni kwehlabathi. Uyakholwa? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Kwaye Unokuzazi iinkathazo zakho ngoku, Akanako? [“Ewe.”] Unenkathazo yentliziyo. [“Ewe.”] Ingaba kunjalo?

Wonke umntu onenkathazo yentliziyo, yimani ngeenyawo. Ningaphiliswa kanye ngoku, akunamsebenzi nokuba yintoni na, abanenkathazo yentliziyo.

Nkosi Thixo, Wena uyawazi amandla ethu nokuba sityhafe kangakanani na, nendlela esibuthathaka ngayo. Kwaye, kodwa, Nkosi, siyazi ukuba Wena womelele kangakanani na. Ke inkathazo yentliziyo yinto ethile oogqirha abangenakwenza nto ngayo. Kodwa, Nkosi, nguBani owenza intliziyo? NguWe owayenzayo. Kwaye ngoku ndikhalimela loo mandla edemoni abambe aba bantu ngenkathazo yentliziyo. Yanga ingaphuma kumntu ngamnye kubo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, dade. Ndifuna nje ukuthetha into ethile kuwe. Uziva wahlukile ngoku kunokuba ubuziva ixesha elide kakhulu, ubungaziva njalo? [Udade uthi, "Ewe, injalo loo nto."—Mhl.] Ngoku, ukuze abantu bazi, kukho umoya onethinzi elingqingqwa; ubunokubulaleka okubi, ulele phantsi, yiloo nto. ["Injalo loo nto."] Ngoku umnkile kuwe. ["Ewe."] Uphilisiwe. Ungahamba nje uphilile . . . ["Ndibulela iNkosi."]

Yibani nokukholwa kuThixo, ncedani. Wonke ubani, ngamxhelo mnye, yibani nokholo.

Kunjani, mhlekazi? Kulungile. Thina singazani, omnye nomnye, kodwa iNkosi uYesu iyasazi sobabini. Ingaba kunjalo? UThixo weZulu, Owadala amazulu nomhlaba, wahlala kuYesu Kristu, wathembisa ukubuya kwakhona engaphakathi kuthi, kwaye oko Wakwenzayo siyakukwenza. Uyakholwa kum ukuba ndingumprofeti waKhe?

Isizathu sokuba ndiyithethe loo nto, iNgelosi yeNkosi yandixelela ukuba, "Yenza abantu bakholwe kuwe. Kwaye ukuba bayakukholwa kuwe, ngoko uyakwazi kwa iimfihlelo zentliziyo, kwaye kuyakunyanzeleka ukuba bakholwe yiloo nto ngoko."

Kodwa, uyakholwa ndim. Kwaye ngaphandle koko, isizathu sokuba ube uyakholwa kum, ungumlungiseleli weVangeli kwawena. Kwaye ulapha ngenxa yento elungileyo. Awuguli. Uswele okuthile, kwaye ufuna uhlobo lwakudala lwemvuselelo ukuba igqabhuke kubantu bakowenu. Nantso into othandazela yona.

Wonke umntu kuthi ofuna oko. Masiphakame, ngenxa yemvuselelo yohlobo lwakudala.

Thixo onamandla Onke, owadala amazulu nomhlaba, ndiyacela ukuba wonke amandla edemoni angaphakathi kwesi sakhiwo abe nokwaphula, aMandla kaYesu Kristu abonakalaliswe. Nkosi! Sibuthathaka, kodwa asoyiswanga.

Sathana, ndiyakuthethela, eGameni leNkosi uYesu Kristu, phuma kwaba bantu!

Yimani ngenyawo, nina bantu baziziqhwala, niphume kwizitulo ezinamavili. Mnikeni ukubongwa, nonke ngabanye!

